Isalathiso 20210316-1675
Inombolo yefayili: 13/3/2
Imibuzo: C Abrahams

INgcaciso eMfutshane yoLawulo lweeMviwo: 0001/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, nakwiiNtloko zezikolo zikarhulumente nezezikolo ezizimeleyo ezilungiselela abafundi iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: **Ukungqinisiswa kwengcaciso yabafundi beBakala 12 ababhalise kwi-*Centralised Education Management Information System* (*CEMIS*) ukulungiselela uViwo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*)**

1. Ngokomyalelo ovela kwiSebe leMfundo esiSiseko ingcaciso yomfundi weBakala 12 mayirekhodwe kwiSistim yeeMviwo kaZwelonke (*National Examination System*).

2. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe kunye neSetyhula 0018/2018, yomhla we-06 Disemba 2018 neNgcaciso eMfutshane yoLwazi noLawulo lweNgcaciso 0003/2021, yomhla we-10 Februwari 2021, ecacisa ulawulo nokuphathwa kotshintsho lwezifundo zabafundi nedatha yabafundi kwi-*CEMIS*.

3. INgcaciso yabafundi ekwi-*CEMIS* iya kukhutshwa kwaye ikhutshelwe kwiSistim yoViwo kaZwelonke (*National Examination System*) ukulungiselela iinjongo zoviwo. Onke amaphepha emibuzo namaxwebhu anxulumene noviwo aya kupakishwa aze athunyelwe ezikolweni ngokwedatha ye-*CEMIS* esayinelwe zinqununu.

4. Izikolo zinako ukwenza izilungiso kwiinkcukacha zabafundi bazo kwi-*CEMIS* kude kube **ngoMvulo, we-29 Matshi 2021**. Ngoku kuvuliwe ukusebenza kwe-*CEMIS* ukulungiselela ukuba izikolo zenze ezi zilungiso.

5. Eli iya kuba lithuba lokugqibela elenzelwe ukuba izikolo zenze izilungiso kwingcaciso yabafundi beBakala 12 ekwi-*CEMIS* phambi kokuba idatha ikhutshelwe kwiSistim yoViwo kaZwelonke (*National Examination System*).

6. Izikolo ziya kwenza inkqubo yokungqinisiswa, yokusayinelwa kwaye zingenise ingxelo kumagosa akwaNdlunkulu angqinisisa ukuba yonke ingcaciso yabafundi ekwi-*CEMIS* yechanekileyo yaye ikulungele ukukhutshelwa kwiSistim yoViwo kaZwelonke (*National Examination System*).

7. Iinqununu mazingqinisise ingcaciso yabafundi, ziyisayinele kwaye zingenise izatifikethi zokuthotyelwa kwemigaqo **(isiHlomelo A) ngoMvulo, we-29 Matshi 2021.**

8. **Ukungqinisiswa kwengcaciso yabafundi**

8.1 **Inombolo yesazisi** yomfundi licandelo **elinyanzelekileyo** njengoko iSistim yoViwo kaZwelonke (*National Examination System*) ibakhaba abafundi abangenazo iinombolo zezazisi. Abafundi abangenazo iinombolo zezazisi abayi kuzifumana izatifikethi ze-*NSC*. Ngale ndlela, kubalulekile ukuba bonke abafundi benze isicelo seencwadi zezazisi bekwiBakala 10. Ngeli thuba, makusetyenziswe inombolo yesatifikethi sokuzalwa.

8.2 Abafundi **abangengabo abemi beli lizwe (*non-citizens*) (kuquka abafundi bamanye amazwe abahlala isigxina kweli lizwe) (*including immigrants*),** mababe nepasipothi esemthethweni (*valid passport*) kunye/okanye imvume yokufunda (*study permit*). Amaxwebhu ii-*Asylum seeker documents* aya kwamkeleka. Abantu abangengabo abemi beli lizwe abayinxalenye yesistim yesikolo yaseMzantsi Afrika (*South African schooling system*), kodwa abanawo amaxwebhu ayimfuneko okubhalisela uviwo lwe-*NSC* ngo-2021, baya kuvunyelwa ukuba babhalisele uviwo, kodwa abayi kuzinikwa izatifikethi ze-*NSC* zabo ade abe angenisiwe amaxwebhu asemthethweni.

8.3 Makutshekishwe upelo lwamagama apheleleyo neefani zabafundi. Mazibhalwe njengokuba zibhaliwe kwincwadi yesazisi/kwisatifikethi sokuzalwa/kwipasipothi yomfundi.

8.4 Ukuba abafundi batshintsha amagama neefani zabo **ngethuba** okanye **kwiintsuku** eziyi-90 emva kokuba bebhale uviwo lweBakala 12 lwesatifikethi se-*NSC* lwabo, okanye emva kokukhutshelwa kweengcaciso ekwi*CEMIS* isiwe kwiSistim yoViwo kaZwelonke (*National Examination System*), iikopi eziqinisekisiweyo zezazisi ezidala nezitsha zabo ne-afidavithi echaza isizathu sokuba kutheni kwenziwe utshintsho, mazithunyelwe kumagosa achaphazelekayo oviwo adweliswe **kwiTheyibhili 1.**

8.5 **Inombolo yeselula yomzali womfundi/yomgcini womfundi ilicandelo elinyanzelekileyo**. ISebe leMfundo leNtshona Koloni lisebenzisa iinkonzo ze*SMS* ukwazisa abafundi ingcaciso ebalulekileyo emalunga noviwo.

8.6 Abafundi abaneemfuno ezizodwa abakhetha ukubhala uviwo lwesatifikethi esi-endosiweyo se-*NSC* (*endorsed NSC*) nabebefunda izifundo ezingaphantsi kwezisixhenxe mababonakaliswe ngolo hlobo kwi-*CEMIS*.

8.7 Ikopi esayiniweyo yesiHlomelo A mayisikenwe (*scanned*) kwaye ithunyelwe nge-imeyili kumagosa achaphazelekayo kwisithili sakho njengoko kuchaziwe **kwiTheyibhili 1.**

ITHEYIBHILI 1

ISITHILI	IGOSA ELENZA LO MSEBENZI	INOMBOLO YEFONI	I-IMEYILI
Metro North	Johnnie Isaacs Ruth Hope	021-4672974 021-4672518	Johnnie.Isaacs@westerncape.gov.za Ruth.Hope@westerncape.gov.za
Metro Central	Gail Laguma Farrel Jacobs	021-4672913 021-4672893	Gail.Laguma@westerncape.gov.za Farrel.Jacobs@westerncape.gov.za
Metro East	Gideon Dilgee Silumko Joko	021-4672941 021-4672519	Gideon.Dilgee@westerncape.gov.za Silumko.Joko@westerncape.gov.za
Metro South	Shannon Doolings Peggy Thomas	021-4672964 021-4672930	Shannon.Doolings@westerncape.gov.za Peggy.Thomas@westerncape.gov.za
West Coast	Patricia Liguma Robin Jacobs	021-4672936 021-4672940	Patricia.Liguma@westerncape.gov.za Robin.Jacobs@westerncape.gov.za
Cape Winelands	Lindsay Weber	021-4672732	Lindsay.Weber@westerncape.gov.za
Overberg	Patricia Liguma Elmarie Du Toit	021-4672936 021-4672920	Patricia.Liguma@westerncape.gov.za Elmarie.DuToit@westerncape.gov.za
Eden and Central Karoo	George Valentine	021-4672978	George.Valentine@westerncape.gov.za

9. Le ngcaciso imfutshane mayidluliselwe kubo bonke abaququzeleli beBakala 12 nabalawuli be-*CEMIS*.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2021-03-18